



# basic education

---

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**2017**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: liyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-13.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:  

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:  

ICANDELO A:	Imizuzu engama-50
ICANDELO B:	Imizuzu engama-30
ICANDELO C:	Imizuzu engama-40
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A****INZULU INKALO KALWAZI**

- |   |   |          |
|---|---|----------|
| 1 | Inkalo kalwazi singayifanisa nendlu eyakhiwe ngokugqibeleleyo ngebhongo, kodwa umniniyo afumanise ukuba lonke ixesha usoloko enezinto azilungisayo kule ndlu ngeli xa ebeyakhe ngexabiso eliphezulu ecinga ukuba akukho nto aya kube ayenze kuyo. Inika umsebenzi le ndlu, kuba kaloku iye ikhangeleke ngokungathi <b>ingathi</b> xa inokufakelwa izinto ezithile nezithile igqibelele kanti hayi kuba kungona ifuna le nale. Maxawambi kude kufuneke iqhaqhiwe iindawana ezithile okanye kudilizwe ezithile ukuze yenziwe ikhangeleke ngakumbi nangakumbi. Kodwa uya kuqaphela into yokuba <u>kude kuphele imali okanye ade aye kufikelela ekufeni umniniyo engakhange aphumle ukulungisana nayo</u> , eyityabeka, eyipeyinta, eyixoxa, eyenza nayo yonke into enokuyinika ubuhle. | 5<br>10  |
| 2 | Nalapha ke kwamfundo, uyakwazi ukuthi ubufundele into ethile, usebenza, uzibiza ngayo, kodwa kuthi ekuhambeni kwamaxesha kufumaniseke ukuba ikho le ndawo ekungathi ungathi xa unokuyifikelela, ufumane ukuxola, kanti ke akunjalo. Maxa wambi, wumbi umntu uye ade alikhuphe ngomlomo elithi, 'Ubom ukuba ndiphinde ndifunde enye into ngoku.' Akuyi kuba minyaka mingaphi, uve sele esithi ufuna ukukhe azame ukungcacela ngasesikolweni, umve sele engumntu onomdla kufundo lwento ethile. Elaa lizwi lokuba akaphindi afunde <b>alisenabani</b> , sele kungathi lulwimi etywaleni, ithethe ukuthi loo nto imfundo ayigqibeki, ayiphelelwa, ayigugelwa xesha.  | 15<br>20 |
| 3 | Le nkalo ifuna unyamezelo, inkathalo, inkuthalo kunye nokuzimisela okugqibeleleyo. Akungancedi ukuthi, kuba ubona ubani efundele into ethile, uze uthi nawe uza kwenjenjalo, ungakhange ube ubuqhutywe nto kuba uza kuphelelwa esithubeni. Kufuneka umntu azixelele yena ngokwakhe ukuba uza kuzincama, azinikezele wonke kule nkalo kwaye kunjalo nje ancame nezinto azixabisileyo ebekade ezenza ukuba ziza kukhe zithi xha okomzuzu ade aqoshelise eli cala azikhethela lona. Ngaphezu koko kufuneka anyanisekele isiqu sakhe, azixelele ukuba akasoze azidanise ukuze angachithi xesha lakhe nelabanye abantu aze athi ekugqibeleni akwaba sele kukwabekile.  | 25<br>30 |
| 4 | Ngabayinxanelwayo kuphela abaye babe nokuzuzisa impumelelo kule nkalo kalwazi. Kufana nqwa namanzi amyoli xa unxaniwe. Akunakho ukuyiva incasa yawo xa unganxanwanga. Bacaca lula ke abantu abayinxanelwayo nabo bangayinxanelwanga ngokuba kubonwa ngezenzo nangeziqhamo zabo.   | 35       |
| 5 | Abo bathe balingcamla ifuthe lenkalo kalwazi babizwa ngokuba bazizibane ezithi zikhanyisele lonke ilizwe, bekhanyisela bonke abantu. Ingxaki ke apho ikhoyo, izibane ziziindidi ngeendidi. Zikho ezepalafini, eze-oli, ezebhetri, ezegesi kunye nezombane.  |          |

	Njengokuba zizezi ndidi nje kukwangokunjalo ukukhanyisa kwazo. Kukho ezitsho ngesithatha esimfifithekayo, esibumfiliba, kukho esinokukhanya okufanelekileyo, okwamkelekayo eluntwini, kanti kukho nezinezithatha eziligqange ezitsho kunge kusemini kusebusuku, zaye ziyaphandla apha emehlweni ezo.	40
6	Zizonke ezi zibane ukuya kuthi ga ngezombane uya kufumanisa ukuba ziyawenza umsebenzi wokukhanyisa kwazo noxa ushiyana kodwa zizonke zinezigxeko ezinazo nokuba yingozi ebangwa zizo. Kunjalo ke nakwezo zingabantu, izifundiswa ke ukutsho. Banezigxeko namabala ababekwa wona ngenxa yokukhanyisa kwabo, wumbi ade abe yingozi yokubulala imiphefumlo emininzi engenatyala. Abantwana abaninzi bayeka isikolo, basincame ngenxa yootitshala abathile. Abantu abaninzi bayabhubha ngabom ngenxa yabongikazi noogqirha abangenankathalo. Abantu abaninzi bahlala eziseleni bengenamatyala ngenxa yabantu bomthetho abathile. Iinkonzo zivuthulukile, azinabantu, ziqhekekile ngenxa yabafundisi abaninzi.	45 50
7	Inzulu inkalo kalwazi, <b>ayigqibeki</b> , ayipheli, <b>ayiphelelwa xesha</b> , ayitshitshi, imi imi. Nabo baphuma kuyo bazazi ngokwabo into abayiyo, abagqibeki bafana nayo. Yiloo nto amaxhego akudala ayengayithandi mpela into emayela nemfundo kuba ayesithi ijika iguqule izimilo zabantwana babo. Ide ibe nzulu le nkalo kumntwana okhuliswe nzima, asuke yena athi akuyiqabela le nkalo akhanyele kwaloo mzali ebantwini, akhanyele nekhaya elo aphuma kulo.	55 60
[Sithathwe kwincwadi, <i>Amaqhekezana ethu</i> ; nguNV Mkonto, iphepha 39-44 saze sahlalwa]		

### Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Ifaniswa nantoni inkalo kalwazi? (1)
- 1.1.2 Xela isizathu sokuba umnini wendlu asoloko enezinto azilungisayo nje kwindlu ebeyakhe ngexabiso. (1)
- 1.1.3 Khetha umsebenzi ochanekileyo wemilo yokungathiza ku 'ingathi' kule ilandelayo:
- A Walatha ukuba into ibonakala ngathi inganjalo.  
 B Walatha ukuvunyelwa okanye ukuvuma ukwenza into ethile.  
 C Walatha ukukhanyela into ibithethwa ngumntu.  
 D Walatha isibongozo nolangazelelo olunzulu. (1)
- 1.1.4 Unika ngcinga ni ngobunzulu benkalo kalwazi umzekelo okwisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

### Jonga kumhlathi 2

- 1.1.5 Bhala isivakalisi esichasene nebinzana, 'ukungcacela ngasesikolweni'. (1)
- 1.1.6 Libhekiselele entwenini ilungu elibhalwe ngqindilili kwigama, 'alisenabani'? (1)

### **Jonga kumhlathi 3**

- 1.1.7 Nika naziphi izinto eziMBINI ezifunekayo ukuze uphumelele kwinkalo kalwazi. (2)
- 1.1.8 Chaza isilumkiso esibhekiswa kubantu abenza izinto ngokubonela kwabanye. (2)
- 1.1.9 Xela izinto zibeMBINI ekufuneka umntu azenze ukuze afikelele kwinkalo kalwazi. (2)

### **Jonga kumhlathi 4**

- 1.1.10 Luluvo okanye yinyani okuqulethwe sisivakalisi esingezantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- Ngabayinxanelwayo kuphela abantu abaye babe nokuzuza impumelelo kule nkalo kalwazi. (2)

### **Jonga kumhlathi 5**

- 1.1.11 Chonga amagama amabini achaseneyo adlulisa umyalezo othi nangona abanye abantu befundisiwe akukho nto bazibalula ngayo. (2)
- 1.1.12 Xela ukuba zinabungozi buni emehlweni izibane ezinesithatha esiligqange. (2)

### **Jonga kumhlathi 6**

- 1.1.13 Linika ntsingiselo ni igama 'abathile' kwesi sivakalisi silandelayo? Abantwana abaninzi bayeka isikolo, basincame ngenxa yootitshala abathile. (1)
- 1.1.14 Xela uluvo lombhali oluqulethe ingcinga ebethelelekileyo ngabongikazi noogqirha. (1)

### **Jonga kumhlathi 7**


- 1.1.15 Kwakutheni ukuze amaxhego akudala angayithandi imfundo? (2)

### **Kwitekisi yonke**

- 1.1.16 Xela umhlathi ongomnye onala mazwi abhalwe ngqindilili kumhlathi wesi-7. (1)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**



[Uthathwe kwi: *Bona Magazini*, kaEpreli 2016, iphepha 83 waze wahlelwa]

- 1.2.1 Dwelisa izixhobo zokupheka zibeziBINI ezikulo mfanekiso. (2)
- 1.2.2 Chaza uvakalelo lwabantu abakulo mfanekiso. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.3 Xela into ebonisa ukuba utata uyakujoja ukutya? (1)
- 1.2.4 Ucinga ukuba kulunge ngantoni ukuba ulutsha lufunde izifundo zokupheka? (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: USHWANKATHELO****UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, ze usishwankathele unike abasebenzi iingcebiso malunga neendlela zokulondoloza imali. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

**ISICATSHULWA C****LUQOQOSHO OLO**

Injongo yalo lonke uqoqosho kukulungiselela imini engaziwayo, le abeLungu bathi ngumhla wemvula. Abantu abakwimisebenzi ezizigxina, abaziyo ukuba abanakukhutshwa kuyo ngaphandle kokuba bazonele bona ngokwabo bamelwe kukulondoloza imali kwezi ndawo ziyisikela ixesha imali ezinjengee*Building Society*, ii*Insurance*, njalo-njalo; kuba emva kweminyaka ethile woba enemali ekunga.

Abantu abakwimisebenzi esengaphelayo, nezingxungxu bamele ukulondoloza imali ePosini, eBhankini, nakwezinye iindawo ezingasiki xesha, ezithi zingabuzi ukuba kutheni na le nto ungahlawulanga kwinyanga efileyo.

Enye indlela yoqoqosho yephathelele kwiXesha, eli wathi umLungu ukuthetha ngalo, 'Ixesha yimali.' Siyazi sonke ukuba ixesha esilityesheleyo namhlanje asalisebenzisa alisayi kuze libuye, limkile nje limkile.

Kulungile ukwenza umsebenzi wasekhaya phambi kokuba uye kwisixelengo somhla nezolo, nokubuyela kwakuwo ukuphuma kwakho ekuxelengeni. Umsebenzi owenzileyo lo gama uwenu esalele uya kusindisa ekuqesheni nasekuthengeni, luqoqosho olo; kanti olibele kukulala uya kusebenzisa imali.

Kule mihla yeebhasi neemoto kukwalungile ukuhlawula itikiti uye kufika kwangoko ekhaya usebenze imisebenzi yakho lingekatshoni ilanga kunokonga imali ubethe ngezikaTshiwo ufike ekhaya sel 'ungenakusebenza. Umsebenzi onge uwenzile ukuba ubukhwele ebhasini xa ubuxatyiswa ngemali unokuba ngaphezulu lee kuloo tiki uyibandezileyo.

Impilo yenye yezinto ezimelwe kukulondolozwa, kuba ukwaphuka kwayo kukulahleka kwazo zonke iindlela zoqoqosho. Kungoko umLungu athi, 'Ukuthintela isifo kubhetele kunokusinyanga'.

Asiloqoqosho ukupheka ukutya okungaphaya kwabantu bekhaya, okuya kuthi kusale kube sekuphoswa ezihagwini okanye ezinkukwini ezinako okwazo ukutya. Xa sithetha ngoqoqosho asitsho ukuthi umntu makabe ligogoty elifumba imali phezu kwemali lingakwazi nokuzinceda lixolele ukulamba lidlakazele kunokuba licuntsule kuloo mfumba yalo lizincede.

[Sithathwe kwincwadi: *Amavo Amafutshane*, ngu A Madala; iphepha 34–36 sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**


**Burger Combo**

*KwaBC's kulapho siphekela khona iikumkani!*

Yiba ngomnye wethu... zifumanele ikhombo yebhega ngoku! Ihamba neetshipsi kunye nesiselo esibanda nkca. Ngama-R25 nje kuphela uzuzela ulonwabo nokonga kwanaphakade.

**21 Kwanda Stalato, KwaNobuhle, eTinarha. [www.bc.co.za](http://www.bc.co.za)**

[Sithathwe ku: [www.googleimages.com](http://www.googleimages.com) sahlelwa]

- 3.1 Xela izinto zibeMBINI ehamba nazo le *burger*. (2)
- 3.2 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.3 Nika isilogani sesi sibhengezo-ntengiso. (1)
- 3.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
- Isivakalisi 'Yiba ngomnye wethu' sisetyenziswe ngenjongo yokwenza ukuba umthengi azive ...
- A egxagxamisekile ukuba athenge. (1)
- B ebandakanyekile kobu buikumkani.
- C eqinisekiswa ngokulunga kwemveliso.
- D esizelwa ukuba engengokumkani. (1)
- 3.5 Khetha isibini samagama ekuthi ukuze ivakale into ayithethayo asetyenziswe kunye kwisivakalisi esingezantsi. (1)
- 'zifumanele ikhombo yebhega ngoku!' (1)


3.6 Ingaba kulungile ukusoloko usitya ukutya okuthengwa sekuvuthiwe? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.7 Chaza ukuba isihlomelo u 'ngoku' sinampembelelo ni kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)  
[10]

#### UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

#### ISICATSHULWA E



ISAKHELO SOKU-1 ISAKHELO SESI-2 ISAKHELO SESI-3 ISAKHELO SESI-4

[Ithathwe kwi: [www.jerrycraft.net](http://www.jerrycraft.net) yaze yahlelwa]

- 4.1 Xela ukuba bazalana njani aba bantu bakule khathuni. (1)
- 4.2 Nika indlela ibeNYE abonise ngayo umzobi ukuba uneentloni uSqu kwisakhelo soku-1. (1)
- 4.3 Yahluke njani indlela umama abonisa ngayo ukungakholelwa kwisakhelo soku-1 nakwesesi- 2? (2)
- 4.4 Bhala igama u 'Mntwan 'am' okwisakhelo sesi-2 ngokupheleleyo. (2)
- 4.5 Chonga isifanekisozwi kwisakhelo sesi-2 esisetyenziswe ngenjongo yokugxeka. (1)
- 4.6 Khetha impendulo echanekileyo ngezantsi. Umbuzo buciko osetyenziswe ngumama kwisakhelo sesi-3 unenjongo ... (1)
- A yokwenza ukuba uSqu ahluke kwamanye amakhwenkwe.  
B yokwenza ukuba uSqu athathe icala likanina ngokweengcinga.  
C yokunyanzelisa ukuba uSqu anqunqe iibhulukhwe zakhe.  
D yokuphoxa uSqu ngesimo sokunxiba iibhulukhwe ezimfutshane.
- 4.7 Ingaba u 'zonke' okwisakhelo sesi-3 uthetha into enye kuSqu nakumama wakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)  
[10]

**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

**ISICATSHULWA F****YONKE INTO INEXESHA LAYO**

Kwakungeholide kaJuni. Ndenza isigqibo sokuba ndiza kufunda ngezolimo kwizikolo zolimo. Ndandingazimisela kuya edyunivesithi, into endandiza kuyenza kukufuya ndikhulise amahashe ndiphile ngawo. Le yasedyunivesithi into yayiseyigqityiwe ngutata esithi kunyaka ozayo kumelwe ukuba ndiye kungena eTurffloop. Ndithe ndakumphokozela esi sigqibo utata ndambona exhuma kakhulu kukothuka. 5

Uvakele esithi: 'Bosaletsi, esi sigqibo sakho noko ngathi sibuthuntu. Ndiyathemba ukuba useza kube usizikisise engqondweni mhlawumbi uyitshintshe.' Ndiye ndamphendula ngelithi sendisizikisile kwaye ndiyayazi into endiyifunayo. Utata watsho wancama ebona ukuchithwa kwemali ngezifundo ezingabalulekanga ngabula yena. Ngeli xesha sixoxa le nto umama uphulaphule. Bobabini umama notata abazange baye edyunivesithi kodwa umnqweno wabo yayikukuba mandiye mna. 10

[Sicutshulwe kwincwadi: *Umhlinzeko*, ngu KS Bongela; Iphepha 82 saze sahlelwa]

5.1.1 Xela isakhi sesibizo esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi.

'Ndenza isigqibo sokuba ndiza kufunda ngezolimo kwizikolo zolimo.' (1)

5.1.2 Nika isizathu sokuba kubhalwe unobumba omkhulu phakathi kwigama elinomgca ngaphantsi.

'Le yasedyunivesithi into yayiseyigqityiwe ngutata esithi kunyaka ozayo kumelwe ukuba ndiye kungena eTurffloop.' (1)

5.1.3 Xela uhlobo lwesenzi ngasinye esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

Into endandiza kuyenza kukufuya (a) ndikhulise amahashe (b) ndiphile ngawo. (2)

5.1.4 Bhala kwakhona isivakalisi esingezantsi sibe kwingxelo-ntetho.

'Bosaletsi, esi sigqibo sakho noko ngathi sibuthuntu,' watsho utata wakhe.

Qala ngolu hlobo: Utata wakhe wathi ... (4)

- 5.1.5 Bhala isaci endaweni yegama elinomgca ngaphantsi.  
'Ngeli xesha sixoxa le nto umama uphulaphule.' (2)
- 5.1.6 Chaza umsebenzi wesimamva esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi.  
'Utata watsho wancama ebona ukuchithwa kwemali ngezifundo ezingabalulekanga.' (2)
- 5.1.7 Xela udidi lwesichazi esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi.  
'Ndiye ndamphendula ngelithi sendisizikisile kwaye ndiyayazi into **endiyifunayo**.' (1)
- 5.1.8 Phungula uphindaphindo olungafunekiyo kwisivakalisi esingezantsi.  
'Bobabini umama notata abazange baye edyunivesithi.' (1)
- 5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**

[Uthathwe kwi: BONA kaJuni 2016: iphepha 60 waze wahlelwa]

- 5.2.1 Bhala esi sivakalisi silandelayo ngokuchanekileyo.  
Idolo (li ka Zola) ligruzukile. (1)

- 5.2.2 Guqula esi sivakalisi sibe kwisininzi.  
Coca umntwana wakho. (2)
- 5.2.3 Nika imo elandulayo yesi sivakalisi.  
Hlala usempilweni. (1)
- 5.2.4 Sebenzisa ibinzana elibhalwe ngqindilili kwesinye isivakalisi linike  
intsingiselo eyahlukileyo.  
UZola **uwe ngedolo** wagruzuka. (2)  
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**